URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Rudolf Oosthuizen**
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
Rudolf.Oosthuizen@westerncape.gov.za | 021 467 2475

Inombolo yefayili: 3/1/3/1
Isalathiso: 20250506-2757

ISetyhula: 0018/2025
Umhla wokuphelelwa**:** Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

*Isishwankathelo esifutshane: Ukubonelelwa kwezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngamanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso*

**Isihloko: Ukubonelelwa kwezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngamanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso**

1. Ukuhlaziywa kwamanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kwenziwe ngokungqinelana nemimiselo nemigangatho evunyiweyo..

2. Ngethuba lokuhlaziywa kwamanani ezithuba zomsebenzi kuthathelwe ingqalelo le migaqo ilandelayo:
   (a) ukugcinwa kwamanani ezithuba zomsebenzi ezinzile ezikolweni; kunye
   (b) nokumisela impembelelo yolwabiwo-mali yokwandisa abaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso ngokuhambelana nezibonelelo zebhajethi yesebe.

3. Ulwabiwo lwabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso oluvunyiweyo luqalisa ukusebenza ukususela ngowe- 01 Juni 2025 yaye luya kuhlala lusebenza kude kufuneke ukuba kwenziwe uhlengahlengiso kulwabiwo lwabaqeshwa. Iirivyu zaqho ngonyaka ezithelekiswa nemimiselo nemigangatho evunyiweyo ziya kuqhubeka njengesiqhelo ngokusekelwe kumanani abafundi ababhaliswe ezikolweni nangokuhambelana nezibonelelo zebhajethi.

4. Iinqununu maziqinisekise ukuba idatha yabafundi ihlaziyiwe yaye igcinwe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*. Bonke abafundi abahlala kwiihostele, mabangqamaniswe neehostele ezibhalisiweyo kwi-*CEMIS*. Oku kuquka abafundi abahlala kwiihostele abavela kwezinye izikolo. Ukuba oku akwenziwanga, kunganeziphumo zokukhutshelwa ngaphandle kwabafundi xa kusenziwa inkqubo yeerivyu.

5. Ukuba kuvuleka izithuba zomsebenzi ezingenamntu ezisisigxina, abaqeshwa abangaphezu kwemfuneko mabakhethwe kuqala ukwenzela ukumataniswa nokufakwa kwizithuba zomsebenzi ezilolu hlobo. Iingqesho zethutyana ezenziwa ngemvumelwano yengqesho yethuba eliqingqiweyo zinako ukwenziwa kwisithuba somsebenzi osisigxina/esabelwe imali, kuquka abaqeshwa benkonzo karhulumente abasisigxina ababambeleyo kwizithuba zomsebenzi eziphezulu kude kuzaliswe isithuba somsebenzi esibhengeziweyo.

6. Amanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ziya kupapashwa kwi-*CEMIS* phantsi ko-"*Administration*" **ngowe-30 Meyi 2025.**

7. Kucelwa nazise okukule setyhula bonke abaqeshwa abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2025-05-27